Isalathiso: 20190513-4581
Inombolo yefayili: 3/3/3/7/2/4
Imibuzo: R Leukes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: *DCG* 0012/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beze-*ECD,* kuBacebisi beZifundo, kuBacebisi beZifundo be-*ECD*, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo zeSigaba seSiseko kwizikolo zikarhulumente ezineBakala R, kootitshala/kwiipraktishina zeBakala R kwizikolo zikarhulumente nakwiiNqununu neepraktishina ezikumaziko eBakala R abhalisiweyo azimeleyo

Isihloko: **UMgaqo-sikhokelo weKharityhulam i-*South African National Curriculum Framework for children from Birth to Four*: Uqeqesho lweepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R (*pre-Grade R Practitioners*) nolweenqununu zaMaziko e-*Early Child Development (ECD)***

1. Ngo-2013, ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE)* laqulunqa umgaqo-sikhokelo weKharityhulam, i-*South African National Curriculum Framework (NCF) for children from Birth to Four, 2012*. Le kharityhulam kazwelonke ijolise ekuphuculeni umgangatho wemfundo esisiseko ngokumisela isiseko esiluqilima kwakwiminyaka yasekuqaleni. Ikwabonelela nangesikhokelo sokwenza iiprogram zokufunda nezokusebenza ngeentsana nabantwana abancinci ukususela ekuzalweni kwabo ukuya kwiminyaka emine yokuzalwa. Ikwalungele nokusetyenziselwa iimeko-bume ezahlukileyo, iinjongo nabathathi nenxaxheba abaziindidi ezininzi. I-*NCF* inokufumaneka kweli ziko lewebhu leSebe i*DBE*: https://tinyurl.com/m99omqf.

2. Kugunyaziswe amaSebe eMfundo amaphondo liSebe i-*DBE* ukuba aziqeqeshe zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R (*pre-Grade R practitioners*) kwi-*NCF*.

3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*) lenze izicwangciso zoqeqesho lwe*NCF* kwiphondo ngokubanzi lwazo zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ukususela ngoJuni–Julayi 2019 ukubheka phambili. Aya kunikwa ithuba lokubakho kulo masifundisane weentsuku ezintlanu amaqela awahlukileyo eepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala *R* ngamaxesha awahlukileyo kwithuba leminyaka emibini ezayo.

4. IiKholeji zaseNtshona Koloni ii-*Western Cape Technical and Vocational Education and Training (TVET) colleges* ziya kuqhuba olu qeqesho zisebenzisana neSebe i*WCED*.

5. Umasifundisane weentsuku ezintlanu uya kuqhubeka ngolu hlobo lulandelayo:

24 Juni ukuya kwi-26 Julayi 2019 ngo-08:00 ukuya ku-16:00	Uqeqesho lwe*NCF* lwangoJuni ukuya kuJulayi 2019 lolweepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ezino-*Level 1, 4 no-5* neenqununu zamaziko e-*ECD* abhalisiweyo kwiSebe i*WCED* nakwiSebe i*DSD* (*Department of Social Development)*

6. **Ukubhalisela uqeqesho lwe*NCF* lwangoJuni ukuya kuJulayi 2019**

6.1 Umhla wokugqibela wobhaliso ngowe-**14 Juni 2019.**

6.2 Ziyacelwa iinqununu zamaziko e-*ECD* abhaliswe neSebe i*WCED* kunye neSebe i-*DSD*, zizibhalise zona kwakunye neepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ezinamabanga emfundo afanelekileyo (*qualified pre-Grade R practitioners)* (ezifundisa abantwana ukususela ekuzalweni kwabo ukuya kwiminyaka emine) ukulungiselela uqeqesho lwe*NCF* kwikholeji ye-*TVET* ekufutshane nabo. Ikopi nganye yesatifikethi sepraktishina se-*ECD L1, L4 okanye L5* mayihanjiswe nefom yobhaliso.

6.3 Lonke ubhaliso luya kwenziwa zii-*TVET colleges* ezidweliswe **kwisiHlomelo B**. Akukho lubhaliso luya kuqhubeka kwii-ofisi zezithili zeSebe i*WCED*.

6.4 Indawo ezikhoyo *(spaces)* kuqeqesho zilinani eliqingqiweyo. Ubhaliso luya kwenziwa ngokuthi kuqwalaselwe abafike kuqala yaye iSebe i*WCED* kunye/okanye iikholeji ze-*TVET* zinelungelo lokumisela oku kulandelayo:

- Amanani abathunywa abamele iziko le-*ECD* ngalinye;
- Ukwabiwa kwamaqela oqeqesho.

6.5 Ifom nganye yobhaliso oluphumeleleyo, iya kufumana ingqinisekiso nge-*SMS* okanye nge-imeyili zingadlulanga iintsuku zomsebenzi eziyi-10 ifunyenwe ifom yobhaliso. Ukuba umenzi-sicelo akayifumananga ingqinisekiso yokubhaliswa kwakhe, umele ukuqhagamshelana nekholeji ye*TVET* ungadlulanga owe-**18 Juni 2019** ukufumana ingcaciso ngokuqhubekayo ngemeko yokubhaliswa kwakhe.

6.6 Iziphungo nesidlwana sasemini, ziya kubonelelwa kulo masifundisane. Abathathi-nxaxheba abaneemfuno ezizodwa zezidlo ezithile baya kulungiselelwa kangangoko kunokwenzeka; nakuba kunjalo, kucetyiswa bonke abathathi-nxaxheba ukuba beze nezinto eziziimfuno ezizodwa/ezongezelelweyo abazifunayo.

6.7 Akukho nkxaso-mali iya kuhlawulelwa izithuthi zokukhwela. Ngako oko kucetyiswa ukuba abathathi-nxaxheba babhalisele ukuya kwikholeji ye-*TVET* ekufutshane nabo.

6.8 **Le fom yobhaliso iqhotyoshelweyo (isiHlomelo A**) mayizaliswe yaye ibuyiselwe kwikholeji ye-*TVET college* echaphazelekayo ungadlulanga owe-**31 Meyi 2019**.

7. Yonke imibuzo emalunga nokubhalisela uqeqesho lweNCF lwangoJuni ukuya kuJulayi 2019 mayithunyelwe kwikholeji ye-*TVET* echaphazelekayo edweliswe **kwisiHlomelo B.**

8. Emva kwalo masifundisane weentsuku ezintlanu, kuya kulindeleka ukuba bonke abathathi-nxaxheba bazijongisise kwakhona iiprogram zabo zemihla ngemihla kwakunye neeprogram zokufunda zabo ukuqinisekisa ukuba ziyangqinelana ne-*NCF*.

9. ISebe i*WCED* lisebenzisana neekholeji ze-*TVET*, lizimisele ukubonelela ngoqeqesho lwe*NCF* olusemgangathweni kubo bonke abathathi-nxaxheba ababhalisiweyo.

10. Kucelwa iinqununu zamaziko e-*ECD* abhaliswe kwiSebe i*WCED* kunye neSebe i-*DSD,* zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuzo zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ezine-*ECD Level 1, 4 no-5* ukuqinisekisa ukuba zinikwa ithuba lokuya kolu qeqesho lungayi kuphindwa kwakhona lwangoJuni ukuya kuJulayi 2019.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-05-16

IFOM YOBHALISO YOQEQESHO LWE-*NCF* NGOJUNI–JULAYI 2019

Igama leziko le-*ECD*:		**Igama lenqununu:**			
Inombolo yobhaliso yeziko le-*ECD*:		**Ulwimi olusetyenziselwa ukufundisa *(tikisha olona lwimi luphambili lusetyenziswayo):***	**IsiNgesi**		
okanye			**Isi-Afrikansi**		
Inombolo ye-*DSD*:			**IsiXhosa**		
linkcukacha zoqhagamshelwano zokuqinisekisa ubhaliso kwi-*NCF*:		**Umntu ekuqhagamshelwana naye:**			
Inombolo eyi-*Landline*:		**Inombolo yeselula yokuqala:**			
Idilesi ye-imeyili:		**Inombolo yeselula yesibini:**			

IINKCUKACHA ZOBHALISO

likopi zezatifikethi zeepraktishina ze-ECD ze-L1, L4 okanye L5 mazingeniswe nale fom

Abameli		**Ifani**	**Igama lokuqala**	**Inombolo ye-*ID***	**Inombolo yoqhagamshelwano**	**Iminyaka yobudala yabafundiswayo ngoku:**			
						linyanga 0 -18	**linyanga 18-36**	**Iminyaka 3–4**	**Iminyaka 4–5**
Inqununu	**1**								
lipraktishina ze-L1, L4 okanye L5	**2**								
	3								

Iimfuno zokutya	**Okuqhelekileyo**	**Okuhalal**	**Imifuno**
Inani:			

I-*TVET* ekufutshane kuwe yoqeqesho lwe*NCF*:	

LE FOM MAYIZALISWE NGOKUPHELELEYO YAYE MAYIBUYISELWE KWIKHOLEJI YE-TVET EKUFUTSHANE KUWE (makufundwe isiHlomelo B) UNGADLULANGA OWE-14 JUNI 2019.

UYA KUYIFUMANA INGQINISEKISO YOKUBA UBHALISIWE KWIKHOLEJI YE-TVET.

IFOM YOBHALISO YOQEQESHO LWE-*NCF* NGOJUNI–JULAYI 2019

Igama leziko le-*ECD*:		**Igama lenqununu:**			
Inombolo yobhaliso yeziko le-*ECD*:		**Ulwimi olusetyenziselwa ukufundisa *(tikisha olona lwimi luphambili lusetyenziswayo):***	**IsiNgesi**		
okanye			**Isi-Afrikansi**		
Inombolo ye-*DSD*:			**IsiXhosa**		
linkcukacha zoqhagamshelwano zokuqinisekisa ubhaliso kwi-*NCF*:		**Umntu ekuqhagamshelwana naye:**			
Inombolo eyi-*Landline*:		**Inombolo yeselula yokuqala:**			
Idilesi ye-imeyili:		**Inombolo yeselula yesibini:**			

IINKCUKACHA ZOBHALISO

likopi zezatifikethi zeepraktishina ze-ECD ze-L1, L4 okanye L5 mazingeniswe nale fom

Abameli		**Ifani**	**Igama lokuqala**	**Inombolo ye-*ID***	**Inombolo yoqhagamshelwano**	**Iminyaka yobudala yabafundiswayo ngoku:**			
						linyanga 0 -18	**linyanga 18-36**	**Iminyaka 3–4**	**Iminyaka 4–5**
Inqununu	**1**								
lipraktishina ze-L1, L4 okanye L5	**2**								
	3								

Iimfuno zokutya	**Okuqhelekileyo**	**Okuhalal**	**Imifuno**
Inani:			

I-*TVET* ekufutshane kuwe yoqeqesho lwe*NCF*:	

LE FOM MAYIZALISWE NGOKUPHELELEYO YAYE MAYIBUYISELWE KWIKHOLEJI YE-TVET EKUFUTSHANE KUWE (makufundwe isiHlomelo B) UNGADLULANGA OWE-14 JUNI 2019.

UYA KUYIFUMANA INGQINISEKISO YOKUBA UBHALISIWE KWIKHOLEJI YE-TVET.